

## Inceba Nobulungisa KwiiNdumiso NeMizekeliso



---

### Sabatha Emva Kwemini

#### Fundela Isifundo Sale Veki:

*Nd. 9:7–9, 13–20; Indumiso 82; Indumiso 101; Indumiso 146; IMiz. 10:4; IMiz. 13:23, 25; 30:7–9.*

#### Indima Yenkumbulo:

“Thethani ityala losweleyo nelenkedama, gwebelani olusizana nolihlwempu, bahlanguleni esandleni sabangendawo” (*Indumiso 82:3, 4*).

**I**iNdumiso neMizekeliso zibonisa amava okuphila noThixo kwizinto eziqhelekileyo zobomi, kungengamaxesha okunqula nje kodwa okanye nakweminye imisebenzi yenkolo. Ngoku iMizekeliso inika uluhlu lobulumko obuphathekayo, kusela kulwalamano neentsapho kuye kumashishini norhulumente, iiNdumiso zona ziingqokelela yeengoma ezithetha ngeemvakalelo ekudumiseni kovuyo kuye kuyo yonke into ephakathi nendawo. Kulula ukubona ukuba ukholo lwethu lumele ukwenza umahluko kuwo onke amacala namava obomi bethu. Ngeli xesha linye, konke okubhekisa ebomini kweli lizwe liwileyo kunzima ukuba kuyityeshele inkohlakalo engena kakhulu kwimeko yomntu. Kakuhle, inkohlakalo ichazwa qho njengento iNkosi yethu ekhathalayo ngayo nezama ukuyisusa. Yiyo iNkosi elithemba kwabangenathemba.

Nangona singachukumisa nje kwinto ethethwa zezi ncwadi ngalo mxholo, mhlawumbi esi sifundo singasikhuthaza ukuba sikukhathalele ukulungiselela kwiintswelo zamahlwempu, abacinezulweyo, nabalityelweyo abakhoyo abasijikelezileyo, nekunyanzelekileyo ukuba sibancede.

*\*Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJulayi 27.*

## Iindumiso: Ingoma ethemba Kwabacinezweyo

Njengoko sesiphawule, uThixo ubona ave abantu abakuxinzelelo nasembandezelweni. Amaxesha amaninzi kwiiNdumiso siva ezo zikhalo ziphuma kubantu ababethembele kuThixo kodwa babe bengaboni bulungisa benziwayo. Iziqinisekiso zokulunga, ubulungisa namandla kaThixo zizinto ezingabonakala zigutyungelwe yintswelo-bulungisa nocinezelo athi amazwi akwezi ngoma azive okanye azibone. Kanti ke, ziingoma ezi zabo basazivumayo ubomi babo okanye ukholo lwabo aluphelanga. Lisekho ithemba; ukukhawuleza kukuThixo ukuba asebenze ngaphambi kokuba kubesemva kakhulu, ngaphambi kokuba ububi boyise, ngaphambi kokuba abacinezweyo babulawe bubunzima bobubi obuziswa kubo. Ngale ndlela, ababhali beeNdumiso bazama ukuvala umsantsa phakathi kokuqinisekiswa kokholo lwabo nezilingo neentlekele zobomi.

**Funda: Indumiso 9:7–9, 13–20. Ungazicinga iimeko awayekuzo uDavide, umbhali weNdumiso? Ungakwazi ukuva idabi phakathi kokukholelwa kwakhe ebulungiseni bukaThixo nemeko akuyo kumava akhe? Waliphatha njani wena idabi lokukholelwa kuThixo phakathi kwamaxesha okulingwa okukhulu?**

---



---

Kuzo zonke iindumiso, impendulo ephindwayo kule ngxaki lithemba lokulunga kukaThixo nomgwebo ofanelekileyo. Ububi nenkohlakalo zingabonakala zisoyisa okwangoku, kodwa uThixo uya kubagweba abenzi bobubi abakhohlakeleyo. Baya kohlwaywa ngeli xesha abo babebenze buhlungu babacinezela beya kubuyiselwa bahlaziywe. Kwincwadi iReflections on the Psalms, uC. S. Lewis uchaza ukumangaliswa kwakhe kokuqala ekuvuyeni nasekungxameleni umgwebo kaThixo njengoko ukhankanywa njalo kwiiNdumiso. Ngokubona ukuba abafundi abaninzi beBhayibhile namhlanje bawuthabatha umgwebo njengento yokoyikwa, uvela ngexhala lesiYuda lasekuqaleni aze abhale athi, “amawakawaka abantu ababehluthwe konke okwabo nabanelungelo ngokupheleleyo ngakwicala labo, ekugqibeleni, baya kuviwa. Phofu, abawoyiki umgwebo. Bayazi ukuba ityala labo aliphenduleki-ukuba nje belinokuviwa. Xa uThixo esiza kugweba, ekugqibeleni liya kuviwa.”—C. S. Lewis, *Reflections on the Psalms* (New York: Harcourt, Brace and Company, 1958), iph. 11. KwiiNdumiso, sibona ithemba labacinezweyo, nangoku, naphakathi kokubulaleka nokudaniswa kwabo kweli xesha.

**Zithini izizathu esinazo zokuba siyibone ingcamango yomgwebo ngendlela entle, ungabi yinto yokoyikwa?**

## “Yiba Nento Oyenzayo, Thixo!”

**Funda: Indumiso 82. Sithini isigidimi esiza kuthi apha?**

---



---



---

Nangona kwakukho ukuyalelwa nemigaqo yokuhlalisana emphakathini uThixo awabanikayo, ngamaxesha awahlukeneyo kwimbali yalo uhlanga lwamaIsrayeli lwalusilela ukuphila ngokweli cebo. Nawo kwabalula ukusuka afane nezizwe ezaziwangqongile, aphila ngokomzekelo wentswelo-bulungisa nengcinezelo. Iinkokeli nabagwebi bakhangela okukokwabo, lwaye nothando lwabo luthengwa ngokunyotywa. Zingekho iinkundla ukuba zibakhusele, abantu nje, ngakumbi abangamahlwempu, babeba zizisulu zokuxhatshazwa.

Indumiso 82 ikukusabela kwimeko enjalo. Ichaza indawo kaThixo njengoMgwebi omKhulu, yaye izoba umboniso apho [uThixo] agweba iinkokeli kwakunye nabagwebi babantu. Le Ndumiso icinezela ukuba abo bakwiindawo ezinjalo ekuhlaleni “banyulelwe ukusebenza njengabagwebi phantsi kwaKhe.”—Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani*, iph. 198. Babambe izikhundla zabo bewuphethe umsebenzi wabo njengabameli nabangaphantsi kukaThixo. Ngokwembono yomdumisi, ubulungisa bukaThixo busisibonelo sendlela ubulungisa basemhlabeni obumele ukusebenza ngayo, kwaye bunika umgangatho umlinganiselo obuya kuthi obo bulungisa okanye intswelo-bulungisa, kunye nabo babenzayo okanye abangabenziyo baya kugwetywa ngawo.

Indumiso 82 ibhenela kuThixo ekwisikhundla saKhe njengoMgwebi noMlawuli owongamileyo wendalo yonke nowezizwe zonke. Ayikho enye iinkundla ephakamileyo okanye igunya esinokuya kuyo isibhenno esinjalo. Isiqinisekiso siyeza sokuba, xa iinkundla zasemhlabeni zingayiva okanye zingaziphakamisi izikhalo zamahlwempu nabacinezelweyo, nto leyo injalo apha, lisekho ithuba elingenakwaliwa lokubiza uncedo.

Ngamaxesha awahlukeneyo ebomini bethu, singafumana singamaxhoba entswelo-bulungisa, kodwa ngamanye amaxesha ingaba sithi abakwenzayo okanye abazuzayo ngako ukuswela ubulungisa. Kwiindawo ezinjengeNdumiso 82, sinako ukufumana imbono okanye ubulumko, nokuba singabacinezelweyo okanye abacinezeli. UThixo ukhathazeka nangabagwebi abakhohlakeleyo, ebachaza njengabantwana baKhe kwaye efuna ukuba bakhethe ukuphila ngcono (jonga iNd. 82:6). Ngoko ke, likho ithemba nakwabo bakwicala eligwenxa lengcinezelo, ukuba bayakuvumela ukuba batshintshwe.

## Izithembiso ZikaKumkani

**Funda: Indumiso 101. Nangona kubhalelwe iinkokeli, licebiso elithini elibalulekileyo esinokulifumana thina koku, nokuba sikwesiphi isikhundla ebomini?**

---

---

---

Indumiso 101 iyindima yeenkokeli. Kucinga ukuba ezindima zaqalwa nguDavide kwimihla yasekuqaleni kolulawula kwakhe engukumkani wakwaIsrayeli. Zisesonokuba zamkelwa kwizifungo awazenzayo ngexesha esiba ngukumkani. Kumava akhe njengomlwi kaSawule waza emva koko waba yimbacu ebaleka yena, wazibonela ngokwakhe indlela ukumkani olahlekwa yindlela yakhe anokusonakalisa ngayo isizwe nosapho lwakhe. UDavide wazimisela ukuba uya kuba yinkokeli eluhlobo olwahlukileyo. Bambalwa kuthi abanokuba ziinkokeli zopolitiko okanye iinkokeli zesizwe, kodwa sonke sinazo iindawo ebomini apho sinethuba lokuba nempembelelo nenkuthazo kwabanye. Kusenokuba kusebomini bethu bokusebenza, ukubandakanyeka kumphakathi ekuhlaleni, usapho, okanye ibandla. Ngokutsho kukaEllen G. White kwenye yezi meko zobunkokeli, “izifungo zikaDavide, ezibhalwe kwiNdumiso 101, zimele ukuba zizifungo zabo bonke abathwele uxanduva lokwalusa iimpembelelo zekhaya.” — *Counsels to Parents, Teachers, and Students*, iph. 119. Njengoko sinethuba, kufuneka sikulungele ukucebisa nokuphakamisa le mithetho-siseko kwabo bakwizikhundla zokukhokela phezu kwethu. Thina sonke, ebukhokelini bethu nakwiindawo zempembelelo, sinethuba lokusebenzisa imithetho –siseko yobukhokeli ukuze isincede sibe yintsikelelo kwabanye.

Indawo awaqala kuyo uDavide kukuzukisa uThixo ngenceba yaKhe nobulungisa baKhe (Nd. 101:1), ezaba sisiseko sayo yonke into uDavide awayefuna ukuyimisa ngobukhokeli bakhe. Wafuna ukufunda nokwenza ezi mpawu zinye ebomini bakhe nasemsebenzini wakhe. Ukwenza oku, kufuneka amelane nezilingo ngasekwenzeni iimposiso, inkohlakalo, nokunganyaniseki, izinto zonke eziyimigibe kwabo bakwizikhundla zegunya nobukhokeli. Ngokwazi indlela ababebaluleke ngayo abacebisi ukumnceda ukuba enze okulungileyo, uDavide ubhambathisa ukufuna abacebisi abanokuthenjwa nokunyula amagosa anyanisekileyo. Ubulungisa nenceba zaziza kuba luphawu lobunkokeli bakhe, naphakathi kwabo babesebenza naye nabasebenzela yena.

**Sisenokungabi kwisikhundla sokuba nabacebisi namagosa, kodwa singabuzalisa njani ubomi bethu ngeempembelelo ezisinceda ukuba siphile sikhokele (apho sinako) ngobulungisa nenceba kwabo bazidingayo?**

## Ukuhamba NoYehova

Njengoko siya sisondelela esiphlweni seNdumiso, imikhwazo yeNdumiso ibonakala ikhula ifikelela kwiqondo emva kweqondo eliphezulu. IiNdumiso ezintlantu zokugqibela ziqala ngomyalelo olula kodwa otsoleleyo woku“dumisa uYehova!” kodwa eyokuqala kwiNdumiso 146 iqwalasele ngokukodwa kwinkathalo kaThixo ngabahluphekileyo nabacinezelweyo njengesizathu esiphambili sendumiso enjalo.

**Funda: INdumiso 146. Sithini isigidimi esiza kuthi apha? Uthini uThixo ngakumbi kwiNdumiso 146:5–9?**

---

Ngokuqiniseke njengoko uThixo anguMdali walo mhlaba (jonga iNd. 146:6), le Ndumiso ichaza umsebenzi oqhubekayo kaThixo emhlabeni njengoMgwebi, umxhasi, umkhululi, umphlisi, umncedi, nomkhuseli-konke oku kujongise ebantwini kwintselo eqinisekileyo kwezi ntlobo zoncendo. Ngumbono okhuthazayo wento uThixo ayenzayo nafuna ukuyenza ebomini bethu, ekuhlaleni kwethu, naselizweni lethu. Ngamanye amaxesha sicinga ngokukhathalela abasweleyo njengento ekufuneka siyenzile kuba uThixo etshilo. Phofu, iNdumiso 146 ithi le into asele eyenza uThixo-saye thina simenyiwe ukuba sihlngane naYe. Xa sisebenza ukulwa ubuhlwempu, ingcinezelo, nesifo, ngokwenene sisebenza noThixo neenjongo zaKhe. Likho yini ilungelo elikhulu elinokubakho kunokusebenza kunye noThixo ekuzalisekiseni into ekhuthazwa ngeNdumiso 146?

Kanti ke, kukwakho nokuhle ngakuthi. AmaKristu akholisa ukuthetha ngokuzingela kwawo uThixo nolangazelelo lawo ukuba nolwalamano olusondelene kakhulu naYe. Kanti, iindima ezinjengeNdumiso 146:7–9, kunye nezinye ezininzi kuyo yonke iBhayibhile, zisibonisa ukuba indlela eyodwa yokufumana uThixo kukuzihlanganisa noko akwenzayo. Ngoko, ukuba wenza umsebenzi wokuphakamisa abangamahlwempu, abagulayo, nabacinezelweyo, ngokutsho kweNdumiso 146 ukuthi wenza njalo, kufuneka nathi sisebenze kunye naYe. “UKristu weza kulo mhlaba ukuza kuhamba nokusebenza phakathi kwabangamahlwempu nababulalekayo. Bafumana esona sabelo sikhulu sokuqwalaselwa nguYe. Namhlanje, ngabantwana baKhe, utyelela abahluphekileyo nabasweleyo, ekhulula usizi ephungula nentlungu. “Susa imbulaleko nentswelo, asiyi kuba nendlela yokuyiqonda inceba nothando lukaThixo, ingabikho indlela yokumazi uBawo osemazulwini onemfesane, novelwano. Ayizange ivangeli iveze icala lokuthandeka okukhulu kakhulu kunaxa iziswe kwimimango enezona zidingo zikhulu nezingenanto kwaphela.”—Ellen White, *Testimonies for the Church*, vol. 7, iph. 226.

**Athini amava akho kwindlela esithi ngayo sibe kufuphi kuThixo ngokunceda abanye?**

## IMizekeliso: Inceba Kwabasweleyo

Njengengqokelela yeentetho zobulumko, imizekeliso ichukumisa iinkalo ezahlukeneyo zeengongoma namava obomi phakathi kwezi kukuqwalasela kubuhlwempu, ubutyebi, ekwanelisekeni, kubulungisa, nentswelo-bulungisa, maxa wambi kumacala awahlukeneyo. Ubomi abusoloko bulula buhamba kakuhle, kwaye imizekeliso iyasivusa kwiimeko ezahlukeneyo nokukhetha okuphemelela indlela obuphilwa ngayo ubomi, naphakathi kwabo bathembekileyo kuThixo.

**Funda uthelekise iMizekeliso 10:4; 13:23, 25; 14:31; 15:15, 16; 19:15, 17; nama-30:7–9. Yintoni ethethwa zezi ndima le ihambelana nobutyebi, nobuhlwempu, nokunceda abo baseleyo?**

---

---

---

Imizekeliso icinezela ukukhathala ngengqalelo uThixo ayinika abo bangamahlwempu nabangamakhoba alula. Ngamanye amaxesha abantu babangamahlwempu ngenxa yemeko, ukukhetha gwenxa, okanye ukuxhatshazwa, kodwa nokuba ibangelwa yintoni imeko yabo, uYehova usachaza njengoMdali wabo (jonga IMiz. 22:2) noMkhoseli (jonga iMiz. 22:22, 23). Aba bantu akufuneki ukuba bacinezelwe okanye baxhatshazwe, nokuba babeneempazamo ezithini. Nangona iMizekeliso inika ubomi obungcono ngokukhetha ubulumko nokuthobela uThixo, ubutyebi abusoloko busisiphumo sentsikelelo kaThixo. Ukuthembeka kuThixo kusoloko kubonwa kubalulekile ngaphezulu kude kuthi ekugqibeleni kube nomvuzo omkhulu kunenzuzo yezinto: “Ilungile intwana encinane enobulungisa kunenzuzo eninzi enentswelo-bulungisa” (IMiz. 16:8, NIV). Enye into ekhathazayo kwiMizekeliso kukunyaniseka nokulunga ekwenzeni ishishini, kurhulumente nasekwenzeni ubulungisa [ukugweba] (jonga IMiz. 14:5, 25; 16:11–13; 17:15; 20:23; 21:28; 28:14–16). Imizekeliso ayikhathali kuphela ngobomi bomntu ngamnye kodwa inika imbono ngokwendlela umphakathi uwonke omele ukusebenza ngayo ukuze kulunge kumntu wonke, ngakumbi abo badinga inkuseleko. Siyakhunjuzwa kwakhona ukuba, kangangoko banako abo balawulayo bakhokele, bakwenza oko ngoncedo lukaThixo (jonga IMiz. 8:15, 16), ngoko kufuneka benze njengabathunywa bobabalo nemfesane yaKhe ngakwabo banentswelo.

**Kulula nakubani ukuba nosizi ngabo bakwiimeko ezimbi. Phofu, singayithabatha njani loo mvakalelo yosizi ibe sisenzo?**

---

## Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “Iminyaka Yokugqibela KaDavide,” amaph. 746–755, *kuAmanyange Nabaprofeti*; C. S. Lewis, “‘Judgment’ in the Psalms,” pp. 15–22, in *Reflections on the Psalms*. “Iindumiso zikaDavide zithubeleza kuluhlu lwamava, ukusuka kwiinzulu zobutyala besazela nokuzigweba kuse kolona luphezulu ukholo nokona kuphezulu ukuxhumana noThixo. Ingxelo yobomi bakhe ixela ukuba isono sizisa kuphela ihlazo nentlungu, kodwa uthando nenceba kaThixo, zifikelela kwezona nzulu, nokuba ukholo luyawuphakamisa umphefumlo oguqukayo ukuba uxhamle ukwamkelwa njengomnye woonyana bakaThixo. Kuko konke ukuqinisekisa okuselizwini laKhe, obu bobunye bobungqina bokunyaniseka, kobulungisa, kunye nomnqophiso wenceba kaThixo.”—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, p. 754. Ebhekisa kubulumko obukwincwadi yeMizekeliso: “Le yimithetho-siseko ekuqanyangelwe ngayo intlala-kahle yomphakathi wemibutho emibini, owehlabathi nowenkolo. Yile mithetho-siseko enika inkuseleko kwimpahla nobomi. Kuko konke okunika isibindi nokusebenzisana kube nokwenzeka, ihlabathi lixhomekeke emthethweni kaThixo, njengoko unikwe elizwini laKhe kwaye usalandeka kwimigca ekholisa ukusithela nophantse ukucima ezintliziyweni zabantu.”—Ellen G. White, *Education*, p. 137.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Kungaziphi iindlela ongathi ngazo wena uzibalele ukuba uyinkokeli okanye ukwisikhundla sempembelelo? Unganguye njani umthunywa wobulungisa ngakwelo cala lobomi bakho?
2. Cinga ngenkcubeko nemibutho yasemphakathini apho uhlala khona. Zeziphi iindlela onokuthi usebenze ngazo phakathi kocwangciso olukhoyo ukuze uphucule abo banentswelo?
3. Kutheni imithetho-siseko yobulungisa nokulunga ibaluleke kakhulu nje ekwakheni umphakathi oqinileyo?
4. Lo gama incwadi yeMizekeliso ijonge ekuphileni ubomi ngendlela, isixelela ntoni ngokuba unjani uThixo?

## Isishwankathelo:

IiNdamiso neMizekeliso zincwadi ezimbini ezijongiswe ngokukodwa kwimingeni yokuphila ngokuthembeka phakathi kwamava obomi aqhelekileyo kunye nezilingo. Zombini zinika iimbono kumbono kaThixo wabantu ekuhlaleni nokukhathalela kukaThixo ngendlela eyodwa amahlwempu nabacinezweyo. Isikhalo seNdamiso nobulumko beMizekeliso kukuba uThixo uyaqaphela kwaye eya kungenelela ukukhusela abo bakholisa ukutyeselwa nokuxhatshazwa. Ukuba ke yinto le aziwa ngayo uThixo, yinto nathi ekufuneka saziwe ngayo.